IFUTHE LOKUVISISANISWA KWEMITHETHO YEMBEWU KWI-FMSS NAMAFAMA AMANCINANE

Imithetho yembewu evisisanisiweyo ibalaselisa kuphela iimbewu eziveliselwe ezolimo zamashishini amakhulu nezorhwebo kwinqila ethile. Ivimba amathuba amafama amancinane akwinqila kwaye ixhasa ukuba kusetyenzwe phakathi kwezinye iintlobo zezolimo, ezifana nezolimo eziqhelekileyo okanye ulimo lwezinto ezisebenzelanayo zezendalo.

Imithetho yembewu ayinaso isibonelelo seenkqubo zembewu ezilawulwa ngamafama (FMSS) kunye neentlobo eziveliswe ngamafama asekuhlaleni. Oku kunganefuthe elibi gqitha kwiintlobo zasekuhlaleni zamafama kunye nokhuphiswano ngemihlaba kwizinga lenqila, obekusele kuqale ukunyamalala.

Ukuvisisaniswa kuza kukhulisa iimarike ezinkulu zenqila, kutshabalalise iinkampani zembewu zasekuhlaleni kuze kwandise ukusasazeka kwembewu enesatifikethi phakathi kwinqila. Oku kuthetha ukuba amafama amancinane aza kunyanzeleka athenge imbewu ebizayo ephuculiweyo, amaxesha onyaka elandelelana.

Imithetho yembewu evisisanisiweyo ayivumeli amafama amancinane arhwebe okanye atshintshiselane ngembewu egciniweyo efama kunye neentlobo zasekuhlaleni kuyo yonke imida yelizwe kwaye phakathi kwiibloko zenqila. Amafama asenokungena enkathazweni enkulu xa ethumela imbewu enqumla imida ngaphandle kweemvume ezifunekayo. Kodwa ke, imithetho evisisanisiweyo yembewu ayizaleli iinkampani zabucala ekubeni ngamasela olwazi lwemveli kunye nokuba imbewu kumafama asekuhlaleni ukuze kuveliswe iintlobo eziphuculiweyo, ezinokuthi ziphinde zithengiselwe kwala mafama ngexabiso elixhomileyo.

www.acbio.org.za info@acbio.org.za Tel +27 (0)11 486 1156

duduzoelho.com